# Yintsomi yo Nomeva ! !

INKOKELI—EHAMBA ISITI AYIKOYIKI —UKUBANJWA YONA KUNGATSHA— KUCIMA ! ! !—

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru ! Afrika !—Inteto zisimbo : Mondli ebulawa ngaba kowabo : Xa ndilapo Imbongi ke zinocaku ; kunokuyeka, ukozo lungadl' inkuku : Taru ! Nawe imhleli ! ngesituba sezimbongi ; esinakutula, abantwana babantu banga pela zinecuka : Kuba tina nkokeli zangoku singontloko siyavuta ; apo sikona—ungatyiwa nasisinja : Nesi awe mosolule intamo xa sisukayo, singapambani nencuka zigoduka : Pulapula ! !—Yintsomi—yo Nomeva !! Andikupinda ; ndishilo nje nditshilo : Inkokeli eti ayikoyiki ukubanjwa : Zekuti lakuti—tu, lona ihashe lika Nongqai, umntu abe yinto epa-ya yo Moaya ongangeni zembe : Ndine minyaka emitandatu, namhlanje ene nyanga ezimbini ndibonga, ndenze isitonga sisinye ; ndibongela le Afrika : Eyashiywa ngo bawo Entilini ; yaza yaba sisisulu, se ncuka : Ndizibona ke ne Nkokeli zayo zangoku ; ezinye ndizive ngendaba ndingazange ndizibone : Kute ngo 1919, kwehla "Isipitipiti" esikulu kakulu apa e Rautini : Sopawu Iuka Kayin : (Passport) Baza ke bafa nabantu kanobom : Pulapulani ! ke !—Ndizakuteta endakubonayo ngamehlo ; ingekuko endakuva ngo (Vasidlule)—Kute ngomhla wesitatu ku April 1919 : Sandulaka tina Nkokeli ze Sizwe kunye ne Sizwe ngokubanzi saya Egantolo : apo sasiye kulinda kona ukupuma kwe "Kwezi le Afrika" Kwano kuwiswa komtwalo lo we Pasi usemagxeni : Esa sinetemba ke elikulu ngenyani, siqondi mhlope ukuba wona lomtwalo uyakuwa—sakuba siyinyukile "Indali ka Xakeka" : Kute sisalapo, sisaqwalasele, eyona nto kode kube yiyo : Asibonanga—ngani : Kwati—tu nduli yimbi ka Xakeka, eyatsho saxakeka ngenyani : Amahashi o Nongqai esiza kuti kanye enga sapali etsiba izihogo—: Zabaleka Inkokeli zona engekafiki nokufika lomahashi apo e Gantolo : Zati ziyoyika ngokumhlope azafihla : Kuba zilivile "Utyikityo olwenziwe ngo Nongqai e Fidasidolopu ngezolo : Zasishiya ke betu kololudaka saziluxovile : Inene makowetu ; sakutshwa kolodaka ngamandla Ezulu kupela : Amangcwaba wona sise Sangweni lawo ngapandle kwe ntandabuzo : Zaye ezinye Inkokeli zise ntolongweni, zimemeza ukuba mazizokukutshwa, kuba ziyakuvukwa zizifo zazo ezidala, azinakumelana ne Samente : Zaye ezinye zingafuni nokuhlangana nabantu ngoku ; zisiti ziyoyika ukubanjwa, kuba zingavukwa ngamadliso, ke zaya kutya lapapa yase ntolongweni : Zaba njalo ke indaba zezo Nkokeli : Zaziteta kum, zibaleka no Nongqai pambi kwam : Ukuba ke zinokuyipika lonyaniso : Ndiyakwandula ke ndizibize ngamagama : Ukutsho ke makowetu ! Yintsomi yo Nomeva ! ! —Ukuziqayisa, ati umntu, mna—kungatsha—kucime kwakuba kute : Balumkeleni abamemeza ingqina bengayi pumi : O Daniel babeposwa kwimingxuma ye ngonyama ; namaziko avuta imililo ka sixenxe, bawamele : O Moses baposwa amaxesha alishumi, ku mandla Engonyama u Faro : Bawa bevuka bade bapumelela : Kodwa tina sisabaleka ne hashi eli lika Nongqai : Azi kunganjanina ke kwagquma ombayimbayi ? Kanene o Daniel no Moses babeno Tixo wabo ? Asiyifuni ke nati Inkokeli engena Tixo, konkena ! ! Masizifundise nalento ke :—Inkalipo mayenziwe ngezenzo kungabi ngamazwi : Ukuba umntu ufuna "Inkululeko" umelwe kukuvuka esiwa, ade aguqe nangedolo : Ngapaya koko azimisele nokulilindela i Dabikazi eloyikekayo kunene ; elaliwa ngu Mkrestu no Apoliyoni : Camaguni ! !